



UFUNA UKUKHALAZA NGOMNTU OKANYE NGESHISHINI ELITHENGISA UTYWALA?

Uluntu lunelungelo lokukhalaza ngomntu okanye ngeshishini elithengisa utywala. UGunyaziwe Wotywala waseNtshona Koloni (i-Western Cape Liquor Authority) uye aphande emva koko athathe isigqibo ukuba kukho ubungqina obuliqilima malunga nesenzo esigwenxa. Amatyala amakhulu anikezelwa kwiSigqeba seLayisensi yezoTywala (i-Liquor Licensing Tribunal) esinokuyihlutha ilayisensi, sinqumamise ilayisensi, sitshintshe imimiselo nemiqathango yelayisensi okanye sinikezela isohlwayo esifanelekileyo. Inkcazelo ethe vetshe iyalandela malunga ngezikhhalazo ngamashishini athengisa utywala.

UNGAKHALAZA NGANTONI?

- Ishishini lotywala elithengisela abantwana (umntu ongaphantsi kweminyaka elishumi elinesibhozo ubudala) utywala;
- Ishishini lotywala elibangela ingxolo, impazamiseko eluntwini;
- Ishishini lotywala elihlala livulile ngaphandle kweeyure zokurhweba ezivumelekileyo (kumele iiyure zokurhweba zixhonywe ukuze zibonakale eshishinini);
- Ishishini lotywala elithengisa utywala ebantwini abarhanelekayo ukuba sebenxilile;
- Ishishini lotywala elivumela ukuba kusetyenziswe kwaye kuthengiswe iziyobisi kwindawo yalo;
- Ishishini lotywala elibamba izinto zakho ezibalulekileyo (umzekelo; isazisi, SASSA card, ubucwebe, njalo-njalo) ukuze uhlawule ityala elinxulumene nokuthengiswa kotywala;
- Ishishini lotywala elinelayisensi elithengisela elinye ishishini lotywala elingenayo ilayisensi;
- Nezinye izikhhalazo ocinga ukuba kumele uGunyaziwe Wotywala waseNtshona Koloni ukuba azazi.

NDIYE NDIKHALAZE NJANI?

Ungafaka isikhhalazo sakho kuGunyaziwe Wotywala waseNtshona Koloni ngenye yezindlela zilandelayo:

- Utsalele umnxeba kule nombolo ethi-(021) 204 9805
- Uthumele i-imeyil ku-Liquor.Enquiries@wcla.gov.za
- Ngokugcwalisa ifomu yezikhhalazo kwi-webhusayithi yethu-www.wcla.gov.za
- Ungafaka isikhhalazo sakho kwinkonzo yamapolisa aseMzantsi Afrika nakumagosa othotyelwa-komthetho kamasipala akwindawo ohlala kuyo.

UBUSAZI?

- Ukuze uthengise okanye uvelise utywala ngokomthetho kufuneka ubenayo ilayisensi yotywala enikezelwayo nguGunyaziwe Wotywala waseNtshona Koloni. Kumele ilayisensi yakho ihlaziye rhoqo ngonyaka.
- Ilayisensi yotywala luxwebhu elinikezelwa umntu limnika ilungelo ngokomthetho wokuba athengise utywala kuluntu okanye avelise utywala.
- Ungafaka isikhhalazo xa umntu onelayisensi yokuthengisa utywala esophula umthetho okanye iimimiselo nemiqathango yelayisensi.
- Bonke abanikazi beelayisensi kufuneka baxhome imimiselo nemiqathango yeelayisensi emashishinini abo kuze ibonwe luluntu lonke.
- Ungathatha ifoto, ividiyo okanye obunye ubungqina obuxhasa isikhhalazo sakho.

UKUBA UFUNA ULWAZI OLUVETSHE:

- Tsalela umnxeba kule nombolo ethi-021 204 9805 • Thumela i-imeyili ku- Liquor.Enquiries@wcla.gov.za
- Ndwendwela i-webhusayithi yethu- www.wcla.gov.za